ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG
UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI

ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE
UHLELO OLUPHAKAMILEYO
(Iphepha Lesithathu)

Possible Answers March 2006

# ICANDELO A

## UMBUZO 1

### UBUCHULE BOKUBHALA ISINCOKO NENDLELA YOKUPHONONONGA

| | | Ilevel 1 | Ileveli 2 | Ileveli 3 | Ileveli 4 |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Ukufikelela ngqo kwisihloko. Ukuvuselela isakhono sokubhala Ukuvuselela umdla. | Ukufikelela ngqo kwisihloko - ubuchule ekuyileni | Ukufikelela ngokwanelisayo kwisihloko nobuchule ekutolikeni isihloko | ukufikelela kwisihloko kodwa kungekho bugcisa namdla. | Uphume mpela emxholweni. Umxholo ongangqalanga. |
| | 5 | 5 | 3-4 | 2 | 1 |
| 2 | Upelo-magama Isigama Ukufaka iziphumlisi | - Impazamo ezimbalwa kakhulu zopelo-magama<br>- Isigama esiphucukileyo.<br>- Ingcaciso ephume izandla, edlamkisayo.<br>- Indlela eyiyo yokusebenzisa iziphumlisi. | - Impazamo ezimbalwa kakhulu zopelo-magama<br>- Isigama esingesiso<br>- Ingcaciso efe ananqe yamagama nengatsali mdla.<br>- Ukungasetyenziswa ngokwaneleyo kweziphumlisi. | - Impazamo ezimbalwa zokupelwa kwamagama<br>- Amagama afanelekileyo.<br>- Ingcaciso yamagama amkelekileyo.<br>- Impazamo ezingephi zeziphumlisi. | - Ukupela gwenxa nje ngokupheleleyo.<br>- Ukusetyenziswa gwenxa kwamagama.<br>- Ingcaciso yamagama engeyiyo nengenamdla<br>- Ukusetyenziswa kweziphumlisi ngendlela engeyiyo. |
| | 6 | 6 | 4-5 | 2-3 | 1 |

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 3 | Ukwakhiwa. Kwezivakalisi Ukusetyenziswa kolwimi | - Ukuthungelelana kwezivakalisi ezahlukeneyo<br>- Ukwakhiwa kwazo<br>- Ukusetyenziswa kolwimi lungenaziphene | - Izivakalisi ezipheleleyo<br>- Ukusetyenziswa kwezivakalisi ezahlukeneyo<br>- Ukusetyenziswa kakuhle kwezivumelanisi nezimelabizo | - Izivakalisi ezingaphelelanga<br>- Imiyalelo elahlekisayo<br>- Ukusetyenziswa kolwimi ngendlela ebonisa ukungaqiniseki ngokuqonda umxholo. | - Izivakalisi ezingenambadla<br>- Ukuphinda-phindwa kokusetyenziswa kwezenzi ezilabalabayo njalo nje.<br>- Intloko nesivisa aziqondakali.<br>- Yonke le nto ife amanqe. |
| | 8 | 7-8 | 5-6 | 3-4 | 1-2 |
| 4 | Ukwahlulwa kwemihlathi | - Ukwahlulwa kwemihlathi ngokulingana.<br>- Unxibelelwano nesihloko<br>- Unxibelelwano nolandelelwano lwengqondo yesivakalisi ngezihlanga<br>- Intshayelelo, isiqu nesiphelo ziyanxibelelana. | - Ukuzama ukukwahlula imihlathi<br>- Ukungafikeleli ncam kwisihloko.<br>- Unxibelelwano nesihloko olubhetyebhetye<br>- Intshayelelo, isiqu, nesiphelo mazicace<br>- Ukulandelelana akubinisi nxibelelwano | - Imihlathi ayahlulwanga kakuhle.<br>- Izivakalisi zixuba iintsingiselo ezininzi sisinye<br>- Abucaci ubungqina bentshayelelo nesiqu nesiphelo. | - Ayikho imihlathi sisibhuku-bhukunje sento enye.<br>- Akukho ntshayelelo nesiqu nasiphelo. |
| | 5 | 5 | 3-4 | 2 | 1 |
| 5 | Intshayelelo | - Intshayelelo ebambekayo, efanelekeleyo | - Emfutshane kodwa ivakala | - Ende, ejikelezayo etyhafisayo | - Akukho ntshayelelo konke-konke. |
| | | | | | |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| 6 | Isiqu | - Ukulandelelana kweziganeko ezakha unxibelelwano ukuya kuvuthondaba. | - Ukuzama ukulandelela nisa isiganeko esizama ukufikelela kuvuthondaba. | - Uluhlu lweziganeko Ingxubevange yezivakalisi ezingafikeleliyo kuvuthondaba | - Ingxubakaxaka yeengqokelela yeengcinga ezinga dibaniyo. |
| | 10 | 8-10 | 6-7 | 4-5 | 1-3 |
| 7 | Isiphelo | - Isiphelo esidlamkisayo esiqukumbela kakuhle incoko | - Asinamandla isiphelo. | - Siqwetyiwe nje isiphelo asithanga ncam | - Asikho isiphelo |
| | 3 | 3 | 2 | 1 | ½-0 |

**AMANQAKU: 40**

# ICANDELO B

## UMBUZO 2

### INDLELA YOKUPHONONONGA UKUBHALWA KWENCWADI (ILETA).

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| 1 | Indlela eyiyo ye: Dilesi<br>Isibuliso<br>Isiphelo | Ibakala 1<br>100% ukugqibelela Indlela efunekayo yokubhala. | Ibakala 2<br>Izifinyezo/Iziphumlisi kwidilesi. Ukutsitywa komgca apho kuyimfuneko. Ukusetyenziswa kukanobumba ngendlela engeyiyo. | Ibakala 3<br>Iimpazamo ezimbalwa kwindawo ezithile: Izifinyezo / Iziphumlisi. kwidilesi. nomhla Ukungakrwelwa komgca kwisihloko. Isibuliso nesiphelo esingalunganga | Ibakala 4<br>Iimpazamo ezininzi kuyo yonke indawo. Izifinyezo / Iziphumlisi. kwidilesi. Ukushiywa kwekhodi, umhla, isihloko sesivakalisi. Isibuliso esingafanelekanga nesiphelo. |
| | (3) | (3) | (2) | (1) | ½ |
| 2 | Indlela eyiyo, yorhwebo / yobuhlobo | 100% elungileyo Indlela efunekayo yokubhala | Indlela efunekayo yokubhala. Indlela ezimbalwa zobume – umgca ongatsitywangwa apho kuyimfuneko. | Indlela eyiyo kodwa enempazamo ezimbalwa, Izinto ezishiyiweyo kubume. | Indlela esemthethweni yokubhalwa kwencwadi yobuhlobo okanye indlela yencwadi yobuhlobo endaweni yasemthethweni. |
| | (2) | 2 | 1½ | 1 | ½ |
| 3 | Indlela eyiyo<br>- Yokubhala<br>- Imvakalo-zwi<br>- Ingcaciso mazwi Iziphumlisi, ubume bezivakalisi, imihlathi | - Indlela egqibeleleyo yokubhala, ingcaciso mazwi nemvalalizwi<br>- Indidi zezivakalisi ezahlukeneyo<br>- Ukwakhiwa.<br>- Indlela ecacileyo yokusetyenziswa. kolwimi. | - Indlela eyiyo yokubhala ,ingcaciso mazwi<br>- Ubuchule bokulungisa mabufikelelwe ngempumelelo<br>- Izivakalisi ezipheleleyo<br>- Indidi zezivakalisi Ezisetyenzisiweyo. | - Ukuzama ubuchule bokulungisa<br>- Isiphelo esingenasi sombululo.<br>- Izivakalisi ezingaphelelanga.<br>- ukulinga okungacacanga | - Indlela engeyiyo kwaphela okanye imvakalo-zwi engeyiyo. Izivakalisi ezakhiwe ngokungacacanga nemihlathi. |
| | 10 | 9-10 | 6-8 | 3-5 | 2 |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| 4 | Ukuncamathela ngqo kwisihloko | - Ukuncamathela ngokuzeleyo kwisihloko<br>- Umxholo ofanelelaleyo<br>- Ukufikelela ngokuphelelyo kwinjongo | - Ukufikelela kakhulu kwisihloko<br>- Ukufikelela ngempumelelo kwinjongo | - Ukuceba kwisihloko<br>- ukuswela inkcazelo<br>Ukunga phumeleli ekufikeni kwinjongo | - Ukuphetha uphumile kwisihloko<br>- Umxholo opngafanelekanga<br>- Ukungenziwa ngqo kwengongoma ephathele kwisihloko |
| | 5 | 5 | 3-4 | 2 | 1 |

**AMANQAKU: 20**

## UMBUZO 3

**INDLELA YOKUPHONONONGA UKUBHALWA KWEMIHLATHI EBHALWAYO**
**(Ukuzaliswa kweForm, I meyili, Memorandum, Ucingo , Izibhengezo, Imizuzu, Obituary. ingxelo, I-agenda, ukuzaliswa kwedayari))**

| 1. Indlela eyiyo yokubhala (nje ngomzekelo othile) | Ibakala 1<br>Ukufikelela kwindlela yokubhala (ifomati) ngokuphelelyo | Ibakala 2<br>Ifomati eyiyo | Ibakala 3<br>Ukwayama kancinci kwifomati | Ibakala 4<br>Akukhokwayama |
|---|---|---|---|---|
| (2) | 2 | 1½ | 1 | ½ |
| 2. Imvakalo-zwi eyiyo<br>- Ukubhala<br>- Ingcaciso<br>- Iziphumlisi<br>- Ukwakhiwa | - Ukubunjwa kweyantlukwano yeendidi zezivakalisi<br>- Ukwakhiwa noku setyenziswa kolwimi olucacileyo nokungabikho kweziphene kwisintaksi | - Ukulunga nokubhalwa kwezivakalisi ezizeleyo<br>- Ukusetyenziswa kwendidi zezivakalisi ezahlukeneyo. | - Ukungabikho okuthile<br>- Izivakalisi ezingaphelelanga | - Ukungabikho okuthile kwaphela<br>- Izivakalisi ezingenamdla / ezingacacanga. |
| (5) | 5 | 3-4 | 2 | ½ |
| 3-Ukuncamathela ngqo kwisihloko<br>Ubude obufunekayo | - ukuncamathela ngqo kwisihloko<br>- Ukufikelela ngempumelelo kwinjongo<br>- Ubude obufunekayo | - ukuncamathela / ukufikelela kwinjongo nakubude. | - Ubhala isihloko esingafikeleli kwinjongo ngempumelelo nobude | - Ukuphuma tu kwisihloko<br>- Ukuba kude kwaphela |

**AMANQAKU: [10]**

**UMBUZO 4**

4.1 APHO UNOKUFUNYANWA KHONA

| | | |
|---|---|---|
| Idilesi yasekhaya | : | 8 Langehoven Street<br>Mandalay<br>Mitchels Plain, 7785 |
| Foni | : | (021) 387-3493 |

IINKCUKHACHA NGAWE

| | | |
|---|---|---|
| Amagama akho | : | Bulelwa |
| Ifani | : | Ngombane |
| Imini yokuzalwa | : | 27 Septemba 1976 |
| Ulwimi lwasekhaya | : | Xhosa |
| Olunye Ulwimi | : | English (Speak, Read and Write) |
| Iphepha-muvme lokuqhuba | : | Code 8 |
| Izinto ozithandayo | : | Ukufunda incwadi, oolindixesha namaphepha-ndaba, mokubukela itelevizhini |

IINKCUKHACHA NGEMFUNDO

| | | |
|---|---|---|
| Imfundo yase-univesithi | : | Isidanga kugcino-ncwadi / BA in Librarianship<br>University of Western Cape<br>Bellville |
| Isikolo esiphakamileyo / High School | : | Masiyile High School<br>Khayelitsha, Cape Town, 8000<br>Matrik / Matric Matriculation Exemption |

IINKCUKHACHA NGOMSEBENZI

| | | |
|---|---|---|
| Igama lenkampani | : | Metropolitan Insurance Company |
| Indawo oyisebenzayo | : | Senior Administration Clerk |
| Owona msebenzi | : | Correspondence typing and filing |
| Imihla | : | 1994 – 1995 |
| Izizathu zokuhamba | : | No career pathing |

ABAGWEBI

1) V. M. Bool (Manager)
P O Box 205

2) C. N. Mdekazi
(Chief Administration Clerk)

**[10]**

**[50]**

## ICANDELO C

### UMBUZO 5

5.1 5.1.1 NguDyonase noTobhana. (2)

5.1.2 UTobhana ngumolokazana kaDyonase. (2)

5.1.3 Kukunyamezela. (2)

5.1.4 NguSiganeko. (1)

5.1.5 Hayi. Ayizange ikwazi ukunyamezela impatho-mbi kaninazala, yagqibela ngokubuyela kokwayo. (3)

5.1.6 UTobhana umolokazana kaDyonase. (1)

5.1.7 - UTobhana akawazi umsebenzi wendlu.
- Upheka ukutya okukrwada.
- Iihempe zomyeni wakhe zingqombo.
- Akafumani bantwana. Ix3=(3)

5.1.8 Wanele / udikiwe ngamabhongo kaninazala. (2)

5.1.9 Yivenkile kaToni / kaMamTola. (1)

5.1.10 NguMamTola noSolani. (2)

5.1.11 Ngamadoda alambayo. (2)

5.1.12 - Wayesitha ipalafini. (1)
- Ecanda iinkuni. (1)
- Ephala iintloko. (1)

5.1.13 Ufike emva kwexesha ezithe mfo. / Esele utywala. (1)

5.1.14 Ikamva lomntu lisezandleni zakhe. (1)

5.1.15 Akuba ebuyele emzini wakhe uSolani, waqala ngokuthenga iimbongolo ezintandathu. Walima isitiya sakhe iitapile nemifuno, intsimi wayithi dii ngeembotyi. Wacanda isinga, wathengisa iinkuni. Sakulunga isivuno wathengisela abantu. Yangena imali, iimbotyi neetapile zazala iinkomo. Wahluma uSolani abantu bembukele, abaninzi bamlinganisa, kwaphucuka ilali yakhe. (4)

**[30]**

**OKANYE**

5.2 5.2.1 ISIMO SENTLALO.

Indawo yakwaMekeni yindawo emdaka ngokugqithisileyo. Abantu bakhona bangamaxelegu. Isitalato sabo siyanuka, sigcwele inkunkuma namanzi amdaka. Izindlu zabo zingcolile, zaphuke iifesitile, zigcwele iimpuku namaphela. Abantwana balapha badlala imidlalo yezikrelemnqa, loo nto yalatha ukuba ikwayindawo yezikrelemnqa le.
Oomama balapha abangomzekelo mhle ebantwaneni babo. Bayathukana, ukanti abakonqeni nokuphakamisa amakhwapha. Isitalato ngomhla weKrismesi sasigcwele iibhotile ezaphukileyo, nto leyo eyenza kwaba nzima ukuba kungene amapolisa njengoko kwasekusiliwa.
Le yindawo engenamoya mhle okanye woxolo, abantu banochuku, umlo yeyona nto kuphilwa ngayo. Isimo – sentlalo sibi kakhulu. (10)

5.2.2 ABALINGANISWA (uNontlantsi)

UNontlantsi ngumama ongatshatanga, unabantwana ababini, uNte noNomsa. Lo mama livila lexelegu. Uyonqena ukuya kuphangela. Uphilisa abantwana bakhe kabuhlungu ngokumana ebathuma baye kuboleka imali kubamelwane. Indlu yakhe ingcolile, iifestile zihlohlwe ngamagronya. Itafile yakhe itsho ngowalakahla lamaphela avele ngeempondo kwezo ntanda zayo. Ungumama oselayo notshayayo. Uyaziwa kwisitalato sonke ngokuboleka imali kodwa xa kufanele ayibuyise, wova ngeentlamba, ukanti akakonqeni nokulwa. Ngemigqibelo ushiya uNte yedwa nosana ebusuku, ngelixa yena esaye kusela utywala. Kwathi akubona ukuba bayafa yindlala, wathi kuNte makaye kufuna izingxungxo zeempela-veki emajalidini, endaweni yokuba kube nguye ophangelela abantwana bakhe. UNontlantsi ngumama olivila, ixelegu, ukrwada, uswele isimilo. (10)

5.2.3 ISISOMBULULO

Emva komhla weKrismesi nalapho abantwana bakaNontlantsi babonakala behleleleke nangakumbi, uNte weza necebo eliphilisayo kweli khaya. Wacebisa unina ukuba makathenge iziqhamo eMalikeni, ukuze yena no-Nomsa bazithengise. Ngenene uNontlantsi wenza ngokwesicelo sikaNte. Wathenga eMalikeni, abantwana bakhe bathengisa elokishini. Ekuqaleni akubanga lula kuba kwakufanele bathengise bephepha amapolisa ngenxa yokungabinaphepha-mvume lokuthengisa. Ekugqibeleni uNontlantsi wazama ukulifumana, bathengisa ngokukhululekileyo ke emva koko. Yangena imali, uNontlantsi wazithengela iveni yokuthwala eMalikeni. Unanamhl' oku usenza loo msebenzi wokuthenga athengise. Emalikeni bambiza uNobhalansi. Amabobosi akwaMekeni achithwa. Sebehlala elokishini eMdantsane, uNte ufundela ukukhanda iimoto. (10)
**[30]**

## UMBUZO 6

6.1 6.1.1 - Izijekulo ziyasalela xa kurekhodwa ngaphandle kwevidiyo. (1)
- Isiganeko ebeluqanjelwe kuso uncwadi olo luyongulwa kuso. (1)
- Unxibelelwano phakathi komqambi nabaqanjelwa lusenokuphosakala ngethuba lokurekhoda. (1)
- Abanye abarekhodi bacela ukuqanjelwa esithubeni nje. (1)

6.1.2 Intsomi yimbalana yobuxoki ekunokuqhotyoshelwa kuyo izithethe zesizwe okanye kubandakanywe iinkcazelo zesishiqi zasendalweni okanye kusetyenziswe intlalo yezilwanyana kuzanywa ukusombulula izinto zentlalo yoluntu. (3)

6.1.3
- Uphinda-phindo.
- Izafobe
- Izifanekiso-zwi.
- Ukulinganisa ngomzimba.
- Umculo
- Amagama ambaxa.
- Ukugingxiza kwentetho. 1x4=(4)

6.1.4 Amaqhina abalulekile kuba:
- Ayafundisa.
- Ayonwabisa.
- Alola ingqondo.
- Enza ubani akwazi ukukhumbula izinto.
- Asiqeqeshela ukuba sibe neliso elibukhali kwindalo esingqongileyo. 1x4=(4)

6.1.5
a. Akuzigalo zodwa eziyimfuneko ekulweni utshaba. (2)
b. Izidenge lilifa lezilumko. (2)
c. Ilizwi lomntu omdala alityiwa yinja. (2)

6.1.6
a. Ziinyawo.
b. Yinyanga.
c. Ngumtshayelo.
d. Yincakrancakra. 1x4=(4)

6.1.7
a. Ukuba yimfene.
b. Ingwe nengonyama
c. Ikati ilele eziko.
d. Umtsi wenkawu.
e. Ukulala neenkukhu / ukuba yinkukhu. 1x5=(5)

**[30]**

**OKANYE**

6.2 6.2.1 Kweli qhalo kungqanyaniswa izinto ezenzeka endalweni kunye nezo zenzeka ebantwini. Njengokuba emthini kubonwa ngokuwa kwamaxolo ukuba umthi lowo uyaguga, nasemntwini zibakho izinto ekuqala kucace ngazo ukuba umntu uyaguga. Umntu ungqanyaniswa nomthi, aza amaxolo angqanyaniswe nezo zinto kubonwa ngazo ukuba uyaguga. Ngale ndlela isiganeko esithile sicaciswa ngesinye isiganeko. Bubugcisa obudala obu ekusetyenzisweni kolwimi, into ethile iphuhliswe ngokuyifanisa nenye. Kolu hlobo lokufanisa kusoloko kuqatshelwa iindawo izinto ezo ezifana ngazo. (8)

6.2.2 Ngenene izidenge lilifa lezilumko. Le nyaniso ithi idandalaziswe yintsomi **engodyakalashe nengonyama.** Iimfene zaba lilifa likadyakalashe ngenxa yobuyatha bazo. Kuthiwa ingonyama yaqesha udyakalashe ukuba ayigcinele abantwana bayo xa isaye kuzingela. Udyakalashe wababawela, wabatya bobahlanu abantwana bengonyama. Ngale mini etye owokugqibela, wacinga icebo ngokukhawuleza. Wathi kwingonyama kufike umhlambi weemfene wabaqwenga bonke abo bantwana. Kwathi ijwaqeka ngumsindo ingonyama izifuna apha ezo mfene, wathi udyakalashe mayingaxhali uza kuza nazo. Ngenene wahamba waya kuzingela iimfene, wafika kumhlambi wazo wathi ikumkani ingonyama ivile ukuba zicula kamnandi, kungoko izimemela ukuba ziye kuyiculela. Zavumela phezulu iimfene. Kwangawo loo mzuzu zafundiswa iculo ngudyakalashe, iculo elithi "Sithi abatye abantwana bengonyama. Ngengomso zaya kuculela ikumkani, zingonwabe zidabalele. Zaliqala kakuhle iculo, azazanga zone ngantoni, zabona ngengonyama seyitsibelela kuzo iziqwenga ngokungenanceba. Umbhexeshi ongudyakalashe wayengasabonakali nangetshengele. Iimfene zafela isono sikadyakalashe ngenxa yobuyatha bazo, zingenatyala. (12)

6.2.3 Uncwadi lweMveli luncwadi olwaluhleli lukho mandulo phaya, koko lwalungabhalwa. Lwalugqithiselwa kwizizukulwana ngezizukulwana ngomlomo. Ekufikeni kwabefundisi bakwaLizwi, bafundisa amaXhosa ukufunda nokubhala. Injongo yayiyeyokuba kuhanjiswe ivangeli likaKristu. Le mpi kaNonibe ayizange ifune nokuva ngolu ncwadi lweMveli, isithi zizinto zobuhedeni, izinto ezingezo zampucuko (yaseNtshona), ngoko ke abazange bavume ukuba olu hlobo loncwadi lushicilelwe kumatye abo. Baluvala naseminyangweni yezemfundo, njengoko izikolo zakuqala zaziphantsi kwabo. Amatye oshicilelo ayelindwa ukuze lungabi nandlela. Noxa kunjalo, amaXhosa okuqala awafumana ukhanyo enza unanko-nanko, ezama ngandlela yonke ukushicilela olu hlobo loncwadi. Noxa lwaluvalelwe ngabaMhlophe, kodwa lwahamba ngesantya esiphezulu lushicilelwa kwakuwo la matye, lusiwa kwiindawo ngeendawo. (10)

**[30]**

**AMANQAKU: 120**

**ISIPHELO**